

## **VAKALISA IZIMVO ZAKHO**

### **IKHWELO LOKUNGENISWA KWEZIMVO ZOLUNTU**

IKomiti eKhethekileyo emalunga neSebe lezoRhwebo noShishino, uPhuhliso loQoqosho, uPhuhliso lwaMashishini asaKhasayo, uKhenketho, iNgqesho neMisebenzi imema abantu abanomdla kunye namahlakani ukuba bangenise izimvo ezibhaliweyo malunga nale Mithetho iYilwayo mibini: uMthetho-siHlomele oYilwayo woKhuseleko lwaBadlali beMisebenzi yobuGcisa [B 24D – 2016] kunye noMthetho-siHlomele oYilwayo weLungelo loBunini-kopi [B 13D – 2017]

### **UMTHETHO-SIHLOMELO OYILWAYO WOKHUSELEKO LWABADLALI**

#### **BEMISEBENZI YOBUGCISA [B 24D – 2016]**

Lo Mthetho uYilwayo ufuna ukulungisa uMthetho woKhuseleko lwaBadlali beMisebenzi yobuGcisa, wowe-1967, ukuze kufakelwe, kucinywe okanye kufakwe endaweni yeenkcazelo ezithile endaweni yazo; ukubonelela ngamalungelo oqoqosho lwabadlali bemisebenzi yobugcisa; ukwandisa amalungelo okuziphatha kakuhle kwabadlali bemisebenzi yobugcisa ekuthandeni ngokugqithisileyo izinto ezibonwayo nezithethwayo; ukubonelela ngokugqithiselwa kwamalungelo apho umdlali evuma ukuba uthanda ngokugqithisileyo izinto ezibonwayo nezithethwayo kumdlalo; ukubonelela ngokhuseleko lwamalungelo abavelisi besandi esishicilelweyo; ukwandisa izithintelo ekusetyenzisweni kwemidlalo; ukwandisa usetyenziso lwezithintelo ekusetyenzisweni kwemidlalo yokuthanda izinto ezigqithisileyo ezibonwayo nezithethwayo; ukubonelela ngeeroyalithi okanye umvuzo olinganayo ekufuneka uhlawulwe xa umsebenzi uthengiswa okanye urentiswa; ukubonelela ngokurekhodisha kunye nokunika ingxelo ngezenzo ezithile kunye nokubonelela ngolwaphulo-mthetho ngokunxulumene noko; ukwandisa iimeko ezichaseneyo nezithintelo ukuya kulungiso oluvakalayo kunye noshicilelo lwezandi kunye nokubandakanya izinto ezishiyiweyo ezibonelelwe kuMthetho weLungelo loBunini-kopi, wowe-1978; ukubonelela uMphathiswa ukuba amisele imiqathango yesinyanzelo nemigangatho yekontraka kwakunye nezikhokelo zomdlali wemisebenzi yobugcisa ukuba anike imvume phantsi kwalo Mthetho; ukubonelela ngokuziphatha okungavumelekanga kunye nezinto ezichaseneyo ngokubhekiselele kumanyathelo okukhusela iteknoloji kunye nolwazi lolawulo lwelungelo lokushicilela ngokulandelelanayo; ukubonelela ngamatyala aqhubekayo kunye nezohlwayo; ukufaka amagama athile endaweni yawo; ukubonelela ngamalungiselelo enguqu; kunye nokubonelela ngemiba enxulumene noko.

## **UMTHETHO-SIHLOMELO WELUNGelo LOBUNINI-KOPI [B 13D – 2017]**

Lo Mthetho uYilwayo ufuna ukuhlomela uMthetho weLungelo lobunini-kopi, wowe-1978, ukuze uchaze amagama kunye namabinzana athile; ukuvumela eminye imida nezithintelo ngokubhekiselele ekuvelisweni kwemisebenzi yelungelo lobunini-kopi; ukubonelela ngokwabelana ngengeniso kwimisebenzi yelungelo lobunini-kopi; ukubonelela ngentlawulo yengeniso ngokubhekiselele kwimisebenzi yoncwadi, yomculo, yobugcisa kunye nezibonwayo nezithethwayo; ukubonelela ngamalungelo okuthengiswa kwakhona kwamalungelo engeniso; ukubonelela ngoshicilelo kunye nokunika ingxelo ngezenzo ezithile; ukubonelela ngokuvunywa kwemibutho yokuqokelela; ukubonelela ngeendlela zokusonjululwa kweembambano; ukubonelela ngofikelelo kwimisebenzi yelungelo lobunini-kopi ngabantu abakhubazekileyo; ukubonelela ngeemphephamvume zemisebenzi yeenkedama; ukomeleza amagunya kunye nemisebenzi yeNkundla yaMatyala yeLungelo lobunini-kopi; ukubonelela ngokuziphatha okungavumelekanga ngokubhekiselele kumanyathelo okhuseleko lobuchwepheshe; ukubonelela ngokuziphatha okungavumelekanga ngokubhekiselele kulwazi lolawulo lwelungelo lobunini-kopi; ukubonelela ngokhuseleko lwamalungelo edijithali; ukubonelela ngamatyala amatsha athile; kunye nokubonelela ngemiba enxulumene noko

Imibuzo, kunye neziphakamiso ezibhaliweyo, zingathunyelwa kwiKomiti eKhethekileyo yeSebe lezoRhwebo noShishino, uPhuhliso loQoqosho, uPhuhliso lwaMashishini Asakhasayo, uKhenketho, iNgqesho neMisebenzi, ingqalelo kuNks Noziphiwo Dinizulu, kule dilesi ye-imeyile [ndinizulu@parliament.gov.za](mailto:ndinizulu@parliament.gov.za) okanye kuNks Mahdiah Koff kule imeyile [mkoff@parliament.gov.za](mailto:mkoff@parliament.gov.za). Ukongeza kwizimvo ezibhaliweyo, nceda ubonise umdla wakho wokwenza intetho ngomlomo kwiKomiti.

**Umhla wokuvalwa kweziphakamiso ezibhaliweyo kukuphela kosuku loshishini ngoLwesihlanu, umhla wama-27 kweyoMqungu 2023.**

likopi zoMthetho oYilwayo zingacelwa ngomnxeba kuNks Noziphiwo Dinizulu kule nombolo yeselula: 083 709 8393 okanye kuNks Mahdiah Koff kule nombolo yeselula: 083 709 8527 okanye zingafumaneka kule webhusayithi yasepalamente ethi ([www.parliament.gov.za](http://www.parliament.gov.za)).

**Ikhutshwe ngu:**

**Mnu Mandla Isaac Rayi, iLungu lePalamente**

---

**USihlalo weKomiti eKhethekileyo yeSebe lezoRhwebo noShishino, uPhuhliso loQoqosho, uPhuhliso lwaMashishini Asakhasayo, uKheketho, iNgqesho neMisebenzi.**

---